Close this circular | Maak omsendbrief toe | Buyela emva

Navrae
Enquiries
IMibuzo: **G Martin Physical Resources Planning**

Telefoon
Telephone
IFoni: **021 467 2137**

Faks
Fax
IFeksi: **021 425 7428**

Verwysing
Reference
ISalanthiso: **8/1/1**
20030731-0008

Wes-Kaap Onderwysdepartement

Western Cape Education Department

ISebe IeMfundo IeNtshona Koloni

ISETYHULA : 0247/2003
UMHLA WOKUPHELELWA : AWUKHO

IYA: **KWIINTLOKO NAMABHUNGA OLAWULO AWO ONKE AMAZIKO EMFUNDO ESEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI, KUBALAWULI ABAZIINTLOKO, KUBALAWULI (KWANDLUNKULU NAKWII-EMDC), KUBAPHATHI BEESEKETHE ABAKHULU NAKUBAPHATHI BEESEKETHE**

ISISHWANKATHELO ESIFUTSHANE: *Isikhokelo sokusingathwa kweemeko zokonakaliswa kwezakhiwo*

ISIHLOKO: UKONAKALISWA KWEZAKHIWO ZESIKOLO

1. Kubaluleke kakhulu ukukhuthaza ukuba uluntu luzibone yaye luzive lungabanini bezikolo oluzingqongileyo ukuze sibe nako ukukuncothula neengcambu ukonakaliswa kwezakhiwo zezikolo. Imali eninzi kakhulu echithwa minyaka le kulungiswa ezi zakhiwo, ingathi isetyenziswe ekunciphiseni intaba yomsebenzi (*backlog*) wokulondoloza izakhiwo namancedo ongahambeli ndawo. Nangona izakhiwo zezikolo zizezikaRhulumente, zingamancedo kuluntu yaye uthatho-nxaxheba koluntu kumaphulo ezikolo kungathi ngoko kube negalelo ekulweni ezi zenzo zokonakaliswa kwezakhiwo.
2. Kwiinzame zokuqinisekisa ukusingathwa ngokufanayo nangendlela enye kweemeko zokonakaliswa kwezakhiwo zezikolo ziintloko zamaziko emfundo, kubonelelwe uluhlu lwemigaqo kolu xwebhu *LokuLwa uKonakaliswa kweZakhiwo (Vandalism Guideline Document)* noluthunyelwa nale setyhula.
3. Ziyathakazelelwa kakhulu iinzame ezenziwa zizikolo ezininzi, ngamabhunga olawulo kunye noluntu lweendawo ngeendawo ekuthinteleni ukutshatyalaliswa ngabom nangokungekho ngqondweni kweprophathi yezikolo.
4. Imibuzo malunga nokubhalwe kule setyhula ingabhekiswa kuMnu G Martin kule nombolo yefoni 021 467-2137.
5. Siya kuyivuyela kakhulu intsebenziswano yakho ngokumalunga noku.

ISAYINWE: NGU-R.B. SWARTZ
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2003:12:18

Grand Central Towers, Laer-Parlementstraat, Privaatsak X9114, Kaapstad 8000
Grand Central Towers, Lower Parliament Street, Private Bag X9114, Cape Town 8000

La maxwebhu alandelayo abhekisele kule setyhula.
Sebenzisa i-*Adobe Acrobat Reader*® ukuwafunda okanye ukuwaprinta.
Klikha kwisihloko esingezantsi: uxwebu luya kuvula i-*Acrobat Reader*® apho unokugcina okanye uprinte ikopi.
Ukubuyela kule setyhula, klikha kwi logo ye-*WCED Online* ephezulu kwesi sikrini.
UKONAKALISWA KWEZAKHIWO ZESIKOLO (ubukhulu: 47 KB) ▲ nyuka

Close this circular | Maak omsendbrief toe | Buyela emva